

Kutheni lento kufuneka utyale umthi?

Kuqikelelwe ukuba ama-80% abantu baseMazantsi Afrika bahlala kwimimandla esedolophini. Ukuba asiqalisi ngoku isicwangciso seepaki nokutyala kwemithi ezitratweni nakwimithabalala yamabala, abantwana bethu abasayi kuze bayonwabele impepho emyoli/inkumbulo yomthi....

Ukwanda kwemithi kuya kuthi kudodobalise ukunyuka kwamaqondo obushushu obuqikelelweyo ngenxa yesehlo sokuFudumala kweLizwe jikelele esilindelekileyo. I-10% yebala eluluhlaza zizityalo zendalo lungathi lucuthe ubushushu bedolophu nge-4%.

Imithi inenzuzo ebonakalayo

Imithi yimithombo yezixhobo zokwakha, ukutya, amayeza nokudalwa kobuhle obubukelekayo. Kodwa nangaphezulu koko, imithi idlala indima ebalulekileyo kwimpilo nentlalontle yoluntu lwethu.

Imithi ayibangeli ukuba isixeko sibukeleke sisihle kuphela, ikwanemisebenzi ebonakalayo yokusingqongileyo:

- Imithi ilawula izityalo ezikhuliswa ngokwendalo: xa amaqondo obushushu enyuka kobo buhlanti bokukhulisa izityalo, imithi ithi isebenze njengesipholisi sendalo.
- Umoya ongalunganga (ikhabon-diyosaydi) othi ukhutshwe zizithuthi, uye usetyenziswe yimithi kwaye uye uguqulwe ubengumoya (i-oksijini) esithi siwusebenzise kwimpilo yethu.
- Imithi kwakhona iye icuthe ingxolo.
- Imithi iye incede ekugutyuleni amanzi angafunekiyo, oko ekuthi kucuthe indlela yokukhula kweentsholongwane.
- Imithi iye ithintele ukhukhuliseko lomhlaba.

Imithi kwakhona iye ibeluncedo kwezoqoqosho lommandla:

- Imithi iye yenze ummandla lowo ubukeleke kwaye ubenomtsalane kubatyeleleli/kubakhenkethi.
- Izindlu ezikwimimandla enemithi, ziye zithengiswe ngexabiso elivisayo/eliphezulu.



Imithi kufuneka siyityale phi?

- Kwiigadi zabucala
- Kwiipaki
- Ezikolweni
- Kwiikliniki
- Ezitratweni
- Kwimithabalala yamabala
- Kwimimandla yezoshishino

Loluphi uhlobo lwemithi ekufuneka siyityale?

Eyona nto iphambili nefanelekileyo yeyokuba kutyalewe imithi yomthonyama/imithi yendalo yelizwe lethu ngenxa yokuba iNtshona Kapa inokushokoxeka kwamanzi. Imithi emininzi yangaphandle (imithi efunyanwe kumazwe angaphandle) iye isebenzise amanzi amaninzi kwaye iye ingayilungeli imeko. Kusenjalo, utyani oluthile lwangaphandle luye luyilungele imeko yethu yemozulu kwaye akufunekanga ukuba silunikele umva.

Kubalulekile ukuba siqwalasele ubume beengcambu zemithi – imithi yomthonyama neyangaphandle xa siyityala kwiipavumente. Imithi ethile enjengohlobo lwepepile iye idale umonakalo omkhulu kwizitrato nakwiiipavumente ngenxa yeengcambu zawo ezinkulu.

Imithi yomthonyama evumelekileyo, yile ilandelayo:

- Sagewood
- Natal Fig
- Real Yellowwood
- Waterberry
- Keurboom
- Cape Ash
- Wild Olive
- White Milkwood
- Camphor Bush
- Sweet Thorn



Ungabandakanyeka kanjani?

Thetha nabantu kwindawo ohlala kuyo – kwaye ungenza isicelo kwiSixeko saseKapa sokutyala imithi kwipavumente, kwimimandla engamabala okanye ngaphakathi kwipropati yakho ukuba akukho ndawo kwipavumente. Kubalulekile ukuba wazi ukuba xa wenze isicelo sokutyala imithi kwipavumente kufuneka ubenoxanduva lokuyinkcenkceshela ide ikhule ngokwaneleyo.

Nangona uvumelekile ukuba ukhethe/ubonakalise uhlobo lomthi onokuwutyala, isimo semozulu yaloo mmandla wakho siso esiya kuthi sibangele ukuba wenze uchongo olululo.



Umgaqo-nkqubo ophathelene nemithi weSixeko saseKapa

Imibuzo eqhelekileyo ebuzwayo

Njengenxa'nyene yoMgaqo-nkqubo ongeMithi weSixeko saseKapa, ingaba kuyinyaniso ukuba eyona nto iphambili ukuba kutyale imithi yomthonyama?

Ewe ✓ **Hayi**

Ingaba kufanelekile ukuba ndiyinkcencshesele kwaye ndiyinakekele imithi etyalwe kwipavumente ngokwesicelo sam?

Ewe ✓ **Hayi**

Ukuba umthi ongaqhelekanga (ongengowalapha eMzantsi Afrika) awufuni manzi maninzi kwaye uyilungele imeko yeli lizwe, ingaba ndivumelekile ukuba ndiwutyale?

Ewe ✓ **Hayi**

Ingaba ndingasenza isicelo sokuba ndityale umthi kwipavumente ekufutshane nam?

Ewe ✓ **Hayi**

Ndingasenza isicelo kwiBhunga ukuba lisuse okanye lithene umthi omkhulu othi uphazamisane negumbi lam lokuphumla eline-TV/ kwaye othi ubangele umthunzi ongafanelekanga nomonakalo?

Ewe **Hayi** ✓

Ingaba umthi endiwutyale kwipavumente uphantsi kolawulo lweBhunga?

Ewe ✓ **Hayi**

Ingaba ndivumelekile ukuba ndityale umthi wesiqhamo esinjenge-apile okanye i-orenji kwipavumente ekufutshane nam?

Ewe ✓ **Hayi**

Ingaba luxanduva lwam lokuba ndithene imithi ekwipavumente ekufutshane nam?

Ewe **Hayi** ✓

Ingaba ndingawususa ngokwam umthi okwipavumente?

Ewe **Hayi** ✓

Ingaba ndingenza isicelo kwiBhunga ukuba ndisuse okanye ndithene umthi othe wabangela ingozi/uphazamiseko kwizithuthi okanye kubahambi ngeenyawo?

Ewe ✓ **Hayi**

Ingaba ndivumelekile ukuba ndicele iBhunga ukuba lisuse okanye lithene umthi okwipropati yam?

Ewe **Hayi** ✓

Ukuba unezikhalazo nezicelo ezimalunga nemithi, nceda uqhagamshelane no:

City Parks: Support Services

Kholekile Ntame

Umnxeba: 021 400 9538, Ifeksi: 021 425 2685

I-imeyile: kholekile.ntame@capetown.gov.za



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

IIPAKI ZESIXEKO

“Tyala imithi



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA